Kusekuseni ngoMvulo
yaye usapho lukaThabo
lulungiselela usuku.



where-is-thabo_interior.indd 7 2020/09/04 17:31

UMama ungxamile.
Uchitha iti yakhe ekhawuntarini.

Kodwa uphi uThabo?



Thoba isantya, Mama.



where-is-thabo_interior.indd 11 2020/09/04 17:31

UTata ungxamile.
Iimpahla zakhe zonke azilunganga.

Kodwa uphi uThabo?



Thoba isantya, Tata.



UZinzi ungxamile.
Uphanga isidudu sakhe.

Ukhona umntu okhe
wabona uThabo?



UThabo akangxamanga.



where-is-thabo_interior.indd 23 2020/09/04 17:31

Khawulezisa, Thabo!

Uza kufika emva kwexesha esikolweni yaye khumbula, luqeqesho lwebhola ekhatywayo namhlanje.

where-is-thabo_interior.indd 25 2020/09/04 17:31

UThabo ungxamile.

Khawulezisani, nonke. Luqeqesho lwebhola ekhatywayo namhlanje.

